# UGogogo ulamla umlo phakathi kwenja nekati

IsiXhosa



Tinyiko Geoffrey Bandi

# UGogogo ulamla umlo phakathi kwenja nekati

Ibhalwe nguTinyiko Geoffrey Bandi
Izotywe nguMoses Dhladhla



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



UGogogo wayeyindoda ekrelekrele kakhulu kwaye esebenza ngokuzimisela.

Yonke imihla wayehlala exakekile. Wayekuthanda ukuzingela nokulima amasimi.

Enye into awayeyithanda yayikukwenza izinto ngendlela elungileyo.

Wayedumile ethandwa kakhulu kwindawo awayehlala kuyo.



Kwikhaya lakhe uGogogo wayefuye iintlobo ezahlukileyo zezilwanyana.

Phakathi kwazo kwakukho iinkuku, amarhanisi, iibhokhwe, iihagu kunye neenkomo.

Wayefuye inja nekati kwaye ezithanda kakhulu ezi zilwanyana.

Wayenamasimi amakhulu awayelima kuwo imifuno, amandongomane, umbona kunye namathanga.

Abahlali babethenga imifuno kuGogogo.



Ngaminazana ithile wathi eziphumlele phantsi komthi uGogogo, wabiwa bubuthongo.

Esalele njalo, waphupha kakubi.

Waphupha inja yakhe ileqa ikati.

Yaba ngumlo ombi ke phakathi kwezi zilwanyana zibini.

Ikati yabaleka kakhulu yakhwela emthini. Ngelishwa inja ayizange ikwazi yona ukukhwela emthini.



UGogogo wabaleka waya kuzo ezama ukunqanda umlo owawuphakathi kwezi zilo zibini.

Kweli phupha uGogogo wayefuna ukwazi isizathu sengxabano.

Inja yachaza ikhathazekile, “Ikati ayikwazi kukhonkotha abantu abadlulayo kwaye isoloko ilele.

Inja yayikhangeleka ilungele ukuhlasela nanini.

Ikati yona yazithulela, kodwa nayo yayilungele ukuzikhusela, xa inokuhlaselwa yinja.



UGogogo wacinga indlela yokusombulula le ngxabano eyayiphakathi kwezi zilo zibini.

Wazidibanisa. Yena wahlala phakathi kwazo ezama ukuqinisekisa ukuba akusayi kuphinda kuqale mfazwe.

Waqala wabuza kwinja ukuba kungenziwa ntoni ukuze kubekho uxolo.

Inja, eyayimana ikhonkotha, yaphendula ngomsindo yathi , “Kufuneka igxothwe ikati.”



Ikati yanikwa ithuba lokuchaza izimvo zayo.

Ngelizwi elizolileyo, ikati yathi, "Niyakuba nenza ubudenge xa ninokundigxotha kuba nifuna uxolo."

Emva kwala mazwi, inja yazama ukuhlasela ikati kodwa wanqanda uGogogo.

Ikati yachaza ukubaluleka komsebenzi wayo ekhaya.

Kanye ngelo xesha, yakhonkotha inja ihleka ikati. Kwaba kubi kakhulu.



Ngalo mzuzu, kwafuneka ukuba uGogogo asebenzise ingqondo ukuze akwazi ukulungisa le meko.

Wathi, “Ndicela ukuba xa ninobabini, nindinike uluhlu lwemisebenzi eniyenza ekhaya.”

Inja yavuya kakhulu xa isiva le ngcamango.

Ikati yona yahlala yathi cwaka. Yazola, iphulaphulaphule uGogogo, inkosi yabo ukuba ithini.



UGogogo wabuza, “Ngubani ofuna ukuqala?”

Yatsiba ngokukhawuleza inja sele ikhonkotha.

Yajonga kuGogogo, ipitshozisa umsila, yaze yajonga ikati igragrama isinekile amazinyo engaphandle.

Ikati yona yayihleli ithe cwaka ijonge inja ngethuba ikrwela umhlaba.

Ikati yayisele izilungisile, ilungele nantoni eyayinokwenziwa yinja.



Yaqalisa yachaza inja, "Mna ndim ndedwa okhonkotha abantu abangena ekhaya kwaye ebusuku ndim owoyikisa izigebenga.

Xa unkosi uGogogo esiya kuzingela ikwandim obamba izilwanyana.

Xa kuthe kwangena iinyoka eyadini, ndiyazikhonkotha.



Ikati nayo yanikwa ithuba lokuziphendulela.

Yaqala yachaza yenjenje, “Bethuna, mna andinaso tu isiphiwo sokuthetha. Ndicela nindilandele.”

Yajikela emva kwendlu ikati apho yayombe imingxuma emininzi.

Ngoku ke uGogogo kunye nenja babethe cwaka.

Babemangalisekile befuna ukwazi ukuba ingaba yintoni le yenziwa yikati.



Ngaphakathi kule mingxuma kwakukho izilwanyana ezincinci ezifileyo.

Kwakukho iimpuku, iinyoka, oonomatse, amacikilishe nezinye izilwanyana ezifileyo.

Xa besuka apho, ikati yabakhokelela entsimini kaGogogo.

Nalapho yayombe imingxuma emininzi enezilwanyana ezincinci ezifileyo.

UGogogo kunye nenja yakhe bayijonga bemangalisiwe le nto yayisenziwa yikati.



Ikati yaqhuba yathi, “Mna andikwazi ukukhonkotha, kodwa ndiyakwazi ukwenza ezinye izinto.

Ndizibulele zonke izilwanyana ezincinci endinibonise zona.

Ukuba bendingazibulalanga, ngezitshabalalise amandongomane, amathanga kunye nombona.”



Iqhubile ithetha ikati, "Enye into endiyenzayo, kukoyikisa nokukhalimela iinyoka xa zingena ekhaya."

Yaqhuba ichaza neminye imisebenzi emininzi eyenza ebusuku ke ikati.

Yonke ke le misebenzi iyenza ithe cwaka, ayixeleli mntu.



Yagqibela ngelithi ikati: “Ndiyalala kakhulu emini kuba kaloku ebusuku ndixakekile, ndikhusela eli khaya. Ukuba ke niyandigxotha, eli khaya liya kulahlekelwa kakhulu.”

Yathi igqiba ukuthetha ikati abe amehlo ayo ezele iinyembezi.



Njengokuba yayithetha ikati, uGogogo wathi qwa.

Wayenqwenela ukuba ingaqhubeka ithetha ikati.

Ngentsasa elandelayo, uGogogo waphekela inja nekati isidlo esimnandi.

Iphupha lakhe lamenza ukuba abone ukubaluleka kwezi zilo zozibini.

Ukususela loo mini, wazifundisa ukuba zihlale kunye ngolonwabo noxolo ezi zilwanyana.

Nanamhlanje, ezi zilo zihlala kunye ngolonwabo noxolo.

# IMIBULELO KWABA

**Ibhalwe ngu**
Tinyiko Geoffrey Bandi

**Izotywe ngu**
Moses Dhladhla

**Umhleli 1**
Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli 2**
Deborah Shilenge

**Umhleli 3**
Rebecca Maluleke

**Umhleli i**
PixelPing Design

**Umguquleli**
Nontsikelelo Ntusikazi

**UMqinisekisi woBulunga**
Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00725-1

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030 NDP

NATIONAL READING COALITION
LET'S GET SOUTH AFRICA READING

NATIONAL EDUCATION COLLABORATION TRUST